



ethnikids
made for me

UNGQATYANA NESIKHOVA

Ibhalwe
Siphokazi Madlingozi

Izotywe
Anastasya Eliseeva

Le ncwadi ishicilelwe ngabakwa-Ethnikids (Pty) Ltd,
beyishicilelela abakwaWimpy ngonyaka wama-2023.
Ibhalwe nguSiphokazi Madlingozi ngonyaka wama-2023.
Izotywe nguAnastasya Eliseeva ngonyaka wama-2023.
Iguqulelwe esiXhoseni nguYamkela Khoza Tywakadi

Onke amalungelo okusebenzisa le ncwadi agciniwe. Awuvumelekanga ngokomthetho
ukushicilela ngokutsha okanye ukuguqula nayiphi na inxalenye yale ncwadi
nangaluphina uhlobo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwaWimpy.

I-Ethnikids Publishers lisebe lakwa-Ethnikids (PTY) Ltd.
www.ethnikids.co.za

Ungqatyana Nesikhova

Ibhalwe Siphokazi Madlingozi
Izotywe Anastasya Eliseeva



Kudala phaya, kwakukho intaka encinane
eyayibizwa ngokuba nguNgqatyana.
UNgqatyana wayenentloko embala ungwevu
kwaye ehlala ehlathini.




Yonke imihla uNgqatyana wayevuka ayokufuna
ukutya kunye nabanye oongqatyana.



Ezi ntaka zazifuna ukutya okufana neembewu, izityalo kunye nezinambuzane ezincinane. Zazingafuni kutya kuphucukileyo njengengcwangube ebhabhela phezu kwamanzi, ithi xhwii intlanzi ngalo mlomo wayo mde, ithi bimbilili ngalo mqala wayo mkhulu, izalise eso sisu sayo sikhulukazi. OkaNgqatyana umlomo wawumncinci, esitya ukutya okuncinci nangakumbi.

Akukho mntu wayenqwanela ukulingana naye.



Xa ecula wayetsho ngelizwi elincinanana, elitswinayo. Kwakungekho nto ikhethekileyo ngendlela awayecula ngayo. Wayengafani nenkankane eyayitsholo phezulu xa icula yothuse nezakha zankulu izilwanyana.

Kwakungekho mntu wayemhoya xa ecula uNgqatyana.





Ongqatyana babezibhabhela bonwabile kwasuka kwathi gqi ukhetshe! Wabaleqa ukhetshe baze bathi saa ongqatyana befuna ikhuselo.

UNgqatyana wazifihla phakathi komthi, wazama ukhetshe ukumbamba.

Ngethamsanqa, wayemkhulu ukhetshe, ngoko ke akakwazi ukungena emthini.
Wahlala apho uNgqatyana uqhaqhazela kukoyika. Yho!
Inesantya ke khona laa ntaka, watsho ezicingela uNgqatyana.
Owu, ukuba nam bendinamandla ngolwa hlobo! Kunoko,
ndiyintakana nje engenamandla, engadliwa ngukhetshe
nanini na ethanda!

Bathi bakuqaphela ukuba basindile kukhetshe
ongqatyana, babhabhela ngasekhaya.



UNgqatyana wayesacaphukile, waze wazihambahambela efuna ukubethwa ngumoya.

Wayenengcwangu yaye ecinga ngendlela ekubuhlungu ngayo ukuba ngungqatyana omncinane.

Wayengajonganga apho aya khona, waze kanye ngelo xesha wangqubeka kwinto ethambileyo enoboya.

“Yhu! Yintoni ngoku?” watsho engxola.



Wathi akuphakamisa amehlo akhe,

wangakholwa koko wayekubona.

Yayisesona sidalwa sinobungangamsha wakha wasibona!

Yayisisikhova, intaka eneenentsiba ezinemilingo ezikwaziyo ukufezekisa iminqweno.





“Sikhova, ndincede torho undiphe enye yeentsiba zakho,”
wacenga uNgqatyana.
“Kutheni ufuna iintsiba zam nje?” wabuza uSikhova.
UNgqatyana waxelela isikhova ngendlela aphuncuke
ngayo kukhetshe.
Wamxelela ngendlela ekubuhlungu ngayo
ukuba ngungqatyana.

Waba nosizi uSikhova waza wapha
uNgqatyana enye yeentsiba zakhe
zemilingo.
“Ngolu siba ungafezekisa iminqeno
emihlanu. Uze ulisebenzise ngobulumko,”
watsho uSikhova.

“Owu, ndiyabulela!” watsholo phezulu
uNgqatyana. Wagoduka sele eyeyona
ntaka ichulumancileyo kwelo hlathi.





Wathi xa sele esekhaya
wazibuza ukuba ngowuphi
umnqweno aza kuqala ngawo
ukuwufezekisa.

Ukuba neentsiba ezintle
ezibomvana ezifana
nezekholwase, wacinga
njalo.


“Ngentliziyo yam yonke, ndifuna ukuba
bomvana njengekholwase,” watsho.

Guququ! Wajika ngoko nangoko uNgqatyana waba bomvana.
Wayezingca ngombala wakhe omhle kunene, engasakwazi
nokulinda ukuze abonise oozakwabo.

IHayi ke, wavuka uNgqatyana
ekuseni wahambahamba edlisela
ngeentsiba zakhe ezintle.
Abanye ongqatyana yabothusa le
nto.


Ezinye iintaka zabhabha kunye
naye uNgqatyana ziyokufuna
ukutya noxa nje zazingafuni.

Hayi ke amabhongo kuNgqatyana
xa ebona zonke ezinye iintaka
zimthe ntsho!





Zathi zisafunana nokutya iintaka, kwathi gqi
ukhetshe kwakhona.
Babaleka oongqatyana befuna indawo yokuzimela.



Iintsiba zikaNgqatyana ezibomvana zagqama, waze ukhetshe
wazibona apho zizimele khona.
Pha-pha-pha! Wehla ukhetshe waze waphantse wathi hlwi
enye yeentaka, kodwa yasinda cebetshu.

Umhlambi weentaka wavutha ngumsindo waze waxelela
uNgqatyana ukuba sokuze baphinde babhabhe naye.

Phakathi ehlathini phaya, uNgqatyana wadibana nomhlambi weepikoko ezintle.

Wajonga iipikoko ngolangazelelo, waza wagqiba kwelokuba ufuna umsila omibalabala kunye nesicholo esihle sepikoko!

Lowo yaba ngumnqweno wakhe wesibini.



Yayikokokuqala ngqa ebomini bakhe uNgqatyana ukubona abantu bembuka.

Wonke umntu wayebabaza ubuhle beentsiba zakhe.

Wahambela phezulu ke uNgqatyana, engqawuza, eziva ebalulekile ngenxa yeentsiba zakhe ezintle.

Khange kuthathe xesha lide ngaphambi kokuba imilenze kaNgqatyana iqale ukusindwa nguloo msila unzima.



Akukho ngxaki, wacinga watsho xa egqitha umhlambi weenciniba.
“Ndifuna ukuba nemilenze neempiko ezinamandla njengezenciniba,”
wanqwena watsho.

Gubhubhu imilenze emide neempiko ezinamandla
ezifana nezenciniba!



Wonke umntu wambuka, nditsho
namakholwase ayenqwanela ukuba
nemilenze efana neyakhe.

Waqala wabanjwa liphango
uNgqatyana. Wayefuna ukutya
okuninzi ukuze abe namandla
okuthwala ezo mpiko nalo
milenze mikhulu.

Imbewu, izityalo kunye
nezinambuzane ezincinci
zazingazi kumanelisa, kodwa
umlomo wakhe wawungakwazi
ukubamba ukutya okuzizixa
ezikhulu.





Wathi esahambahamba,
wabona umhlambi
weengcwangube.
“Ooo! Nantsi kanye into
endiyidingayo!” watsho.
Ngentliziyo yakhe yonke,
wenza umnqweno
wokuba nomlomo omde,
umqala omkhulu kunye
nesisu esikhulu esikwaziyo
ukuhlala ukutya okuninzi
njengengcwangube.

Ngokwenene wafezekisekaa
umnqweno wakhe.

Nanko ke esiya ngasechibini
eyokuzingela iintlanzi.





“Grwaa-grwaa!” yatsho ing’ang’ane igqitha ngendlela.
Tyhini! Kudala ndanqwanela ukucula ngolu hlobo, wazicingela
ngolo hlobo uNgqatyana.
Yayingekho into awayeyinqwanela njengelizwi leng’ang’ane.
Ngephanyazo wakwazi ukucula njengeng’ang’ane.

Wathi akufika echibini waze wazibona emanzini.
“Grwaa-grwaa!” wangxola watsho ezothusa kwayena.



Kangangendlela awangxola
ngayo, zonke iintlanzi zantywila
zabaleka. Khang akwazi
nokubamba nditsho neyodwa.



Wanyoshoza wagoduka,
elambile, ediniwe kwaye
elilolo.

Wathi akujonga abanye
ongqatyana bezibhabhela,
waqaphela indlela abonwabe
ngayo bekunye.



“Khawujonge indlela abonwabe
ngayo! Ayisemnandi ingoma yabo.
Abasavuyi tana benabahlobo
nokutya okuninzi,” watsho
uNgqatyana elusizana.

Kwangoko wayibona impazamo enkulu ayenzileyo.
“Ndifuna ukuba ngungqatyana kwakhona ngentliziyo yam
yonke,” watsho.

Akukho nto yatshintshayo. Yhooo! Wakhumbula ukuba
wayesele eyisebenzise yomihlanu iminqweno yakhe!
Kwafuneka afumane isikhova ngokukhawuleza.



Emva kwexesha elide efunana noSikhova, wade wamfumana.
“Ndiyakucela Sikhova obekekileyo, ndenze ungqatyana kwakhona,”
wacenga.
“Kutheni ufuna ukuba ngungqatyana kwakhona?” wabuza uSikhova.
“Ndifuna ukuba ndim, ngentliziyo yam yonke,” watsho uNgqatyana.

“Ooo! Ndiyabona ukuba ubufumene ubulumko ngoku,” watsho
uSikhova. “Ekugqibeleni ude wayibona indlela okhetheke ngayo.”

Ngoko nangoko, emva kwaloo mazwi omlingo, uNgqatyana wabuyela
kubume bakhe.

Wabuyela kumhlambi wakhe waze wonwaba unaphakade,
ephaphazela ngezo mpiko zakhe zincinane, ezingela ukutya kunye
nabanye oongqatyana abaphantse bafane naye.

ISIPHELO

